




# I SPCA ithi . . .


*Khumbula ukugcina ihashe okanye idonki yakho*




Ihashe lakho okanye idonki yakho ayinakho ukusebenza imini yonke. Kufuneka ziphumle. Qiniseka ukuba kuya kubakho indawo eyomileyo xa iidonki ziphumlayo, zingasebenzi.





Musa ukulayisha izinto ezinzima kwinqwelo yedonki. Idonki iza kwenzakaliswa ngezo zinto ezinzima nayo iza kudinwa kwakamsinya. Qiniseka ukuba ikari yedonki okanye yehashe inebreki elungileyo. Le breki kufuneka isebenze kakuhle, mayingabi yaphukile.



Qiniseka ukuba idonki okanye ihashe zinokutya okuninzi. Azikwazi ukuthetha ngoko ke kufuneka siziphathe kakuhle. Ihashe malingatyi ingca yodwa. Lithengele ukutya ihashe evenkileni yezilo. Lonke ixesha, kufuneka usebenzise isitya sokutya esicocekileyo. Musa ukufaka ukutya emhlabeni. Kubalulekile ukuzinika iidonki amanzi acocekileyo yonke imihla.



Ihashe okanye idonki yakho zingaba neentshulube ukuba zitye ukutya okufakwa emhlabeni. Ukuba ucinga idonki okanye ihashe lakho ineentshulube, okanye iyagula, yise kwaS.P.C.A. okanye kwagqira. Fonela iS.P.C.A ukuba unengxaki yokugcina idonki nehashe.



Musa ukusebenzisa ucingo xa ulungiselela umkhala. Olu cingo luza kwenzakala ihashe okanye idonki nazo azinakho ukuhamba kakuhle. Xa amahashe ayatsala ikari yakho, qiniseka ukuba la mahashe ayalingana ngobukhulu.

Khangela ihaltire yonke imihla. Ukuba uthatha umkhala wenye idonki uyinxibise enye idonki umkhala lowo usenokuba mncinci ze umkhala uyityabule emlonyeni



Khangela yonke imihla ukuba akukho matye emanqineni amahashe okanye eedonki. La matye aya kuyiqhwalelisa idonki okanye ihashe lakho. Khangela ukuba ihashe litya kakuhle ukuba ukutya akuhlelanga emazinyweni. Ukuba amazinyo abukhali ngokugqithisileyo, uyakubona ukuba iyaziluma emlonyeni. Khangela yonke imihla ukuba akukho makhalane ezindlebeni zedonki okanye zamahashe akho okanye ebusweni bazo. Amakhalane abangela isiifo kwidonki yakho. Ukuba iidonki zinamakhalane ezininzi, zise kwagqirha okanye fowuna iSPCA kuba iSPCA iza kukunceda ngeloo ngxaki.